URhulumente weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
**Alexandra Henriques**
ICandelo lokuNika iNkxaso yeZibonelelo kumaZiko
Alexandra.Henriques@westerncape.gov.za | 021 467 2767

Inombolo yefayili: 18/5/1/Masiqhame Trading 1057 CC
Isalathiso: 20240405-2935

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loKunika iNkxaso yeZibonelelo kumaZiko: 0008/2024

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kumaSekela Balawuli akwii-ofisi zezithili, kwiinqununu nakooSihlalo bamaBhunga oLawulo azo zonke izikolo zikarhulumente ezingekho phantsi kwesiqendu 21

**Isihloko: Ukwandiswa kwexesha leekhontraki nokunyuka kwexabiso lezinto zokubhala neleeayithem eziyimathiriyeli yokucoca kunyaka-mali wama-2024/25**

1. Kwaziswa izikolo ngokwenjenje ukuba iikhontraki zeminyaka emithathu eziphelelwa ngowama-30 Apreli 2024, i-*BWCED* 2875/20 ne-*BWCED* 2876/20 ebezenziwe neMasiqhame 1057 *CC*, ukwenzela ukubonelelwa nokuziswa kwezinto zokubhala neemathiriyeli zokucoca, zandiselwe ixesha okwethutyana ukususela ngowo-01 Meyi 2024 kuba kusalindwe ukutyunjwa komboneleli-nkonzo omtsha.

2. Le ngcaciso imfutshane kufuneka ifundwe kunye neSetyhula 0025/2021 ne-0027/2021, yomhla wama-20 Meyi nowo-01 Juni 2021, ngokulandelelanayo.

3. Amaxabiso ahlaziyiweyo ee-ayithem eziqinisekisiweyo njengoko evunyiwe kunye nokwandiswa kwexesha lezi khontraki zimbini, aqhotyoshelwe apha ukwazisa nina.

4. Iikhathalogu eziqhotyoshelweyo zisebenza kuphela kude kube ngowama-30 Oktobha 2024 okanye kude kugqitywe ukwenziwa kwekhontraki entsha nomboneleli-nkonzo. Ii-ofisi nezikolo ezichaphazelekayo ziya kukwaziswa ngexesha elichanekileyo emva kokuba kugqityiwe ukwenziwa kwazo naziphi na iikhontraki ezintsha.

5. Kucelwa nazise okukule ngcaciso imfutshane onke amagosa achaphazelekayo ukuze akuthathele ingqalelo.

**ISAYINWE:** NGU-MS ABRAHAMS
**USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOCWANGCISO LWEMFUNDO**
**UMHLA:** 2024-04-25


wcedonline.westerncape.gov.za
Employment and salary enquiries: 0861 819 919 | Safe Schools: 0800 45 46 47
Western Cape Education Department